

IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION)

[XABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, JANUARY 27, 1886.

[No. 65.]

Nantso int' o'bukade uyifuna!
Kuyafunwa! Kuyafunwa! Kufunwa!

IWAKA LABANTU!!

Ukuba liyekuhlola amaxabiso endiwarolayo

NGEZIKUMBA NOBOYA,

Nempahla etengiswa tshipu ngokumangalisayo.

Kanize kuzilingela, kuqinisekile ukuba nobuya nize. Abasebeke beza banelisiwe.

Ndicela abanoku funda ukuba batyele abangenako. Ningayilibali indawo endikuyo

Kufupi nomzi omdala ka MSESANE,

Endleleni yomcancato we Nciba eya e Ngqamakwe. Ndikwali Gosa le "MVO ZABANTSUNDU."

P. H. POTTOR.

September 14, 1885. **J. IRVINE & CO**

AMAZIMBA

NE

MBEWU YOMBONA OBOMVU

INTLOBO EZILUNGE KANYE.

KANJAKO

UMBONA OXABISO LILULA WOKU DLIWA.

IZISULU ! IZISULU !

J. no C. REDDING,

KWIVENKILE YAKWA NGQIKA,

E-QONCE.

Bayayitengisa yonke impahla yabo yama Xosa bafuna ukuba itshayekele tu kwakamsinyane.

Intengiso iqala ngo Mvulo lo wanamhla.

Qondisisa kakuhle apo bakona kwivenkile yakwa Ngqika e-Qonce.

ISAZISO u AMOS THOMAS,

UYAZISA UKUBA UVULE

Ikaya Labantsundu, e-Qonce

E Smith Street, ngezantsi ko Mr. E. J. BOXALL.

APO wonke ubani ayakufumana amalungelo ezixaso nendawo yokulala. Ubiza amanani alula. Kuko isitali esihle, nomgini mahashe ubleli elindele. Metsho, Bahambi kanize nipose amehlo apa bo King William's Town, 10th November, 1885.

AMOS THOMAS.

Kukululekile

Asibizi 'Nto

Ngokuba ubani eze kubona Amabala nga mabala amahle e

Mpahla enxitywayo

I Qiya ezintsha

Izihlangu ze Lastike

Izihlangu ezibotshwayo

Izilipari ezine Lastike

Ikwiliti ezimabalabala

(zitengiswa tshipu)

Ikwiliti esimhlope

zintle

Ikeleko 2/d. nge

yadi

Iprinti ze 3d. yadi

Zonke ke ezimpahla zezi

tshipu ngapezu koko zaka

zakuko e venkileni ka

W. O. CARTER & CO.

Maclean Square,

Amayeza ka Cook Abantsundu

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK Elika Iyeza Lesisu Nokusazazo. 1/6 ibotile.

COOK Elika Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Aka Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

COOK Elika Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile. Ezika

COOK Ipils. 1/ ngebokisana.

COOK Eka Incindi Yezinyo. 6d. ngebottle. Oka

COOK Umciza Westepu Sabantsundu wana. 6d ngebottle. Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Niqondise Ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkobiso angenalo igama lake.

KWA G. WHITAKER, kwi-venkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile, njalo-njalo, njalo-njalo.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURNE NO MARSH, e

Nyutawuni nakwisitalato esipafnbi kwe ofisi ngase mcancatweni.

C. MUSGROVE,

OTENCISA IMPAHLA ETSHIPU YENDLU

Kwindlu Ekangelene no W. O. CARTER & CO,

E-QONCE

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.

Unokubatangela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye

H. B. M. HOWARD,

Umteteleli Kwinkundla Yamatyala, Umlungiseleli wetaitile nokwabiwa kwamafa. Uguqula itaitile.

Uligosa Lebandla elincedisa ngemali ekutsheni kwezindlu nokuxaswa komntu ebudale- ni, lase Kapa.

E-QONCE

NANTSQINTO YENU

Ivenkile entsha yebhekile nezitya zentsimbi.

A. STRUT HERS,

Smith Street, King William's Town, Utengisa intlobo zonke zebhekile, nezikotile.

Yiyona ndlu itshipu apa e Qonce.

Lempahla uyenza ngokwake, mabaqiniseke ke abantu ukuba yomelele yenziwe kakuhle lonto uyayimela. Kanize kuncama kuye ngapambi kokutenga nakuyipina indlu. Izisulu kuye wonke.

KWAKHONA

Unomgubo olungileyo, Izonka, Iswekile, Ikofu, Uqolwane (Tea), Into-ezimmnandi, Izibane, Isepa, Icuba, Imatshisi, Inqawa, Iparafine, Nelampu. Zonke ngamanani apantsi kanye.

Ololiwe bakwa Rulumeni —Isebe lase Mpumalanga.

NGUQULO EKHAMBENI KWE TRENI.

KUQALA kolo Mvulo, 1 FEBRUARY 1886, ukuhamba kwe Treni pakati kwe Alvani, ne Komani, ne Qonce, ne Monti kuyakuguqulwa. Uhlobo okuyakuguqulwa ngalo lofunyanwa kumapepa ancanyatiselweyo kwi zitishi zonke.

T. R. PRICE, Umpatiwa.

DYER no DYER

E-QONCE, E-MONTI, E-KOMANI,

Batengisa lempahla ibalulwayo ngezantsi ngamaxabiso agqitiseleyo ngobuncinane:

Ingcawa Zoboya.

Imatrasi zase Mkosini ezinemigca
Imatrasi ezinemigca zase Zikepeni
Imatrasi ezinemigca zase Witney

AMABHAYI

Entlobo zonke zobukulu.

IQIYA YOKUFINYA

Amabhali amane, zintlobo ezintsha zona

IBHULUKWE ZEKODI,

Ezingqingqwa, zentlobo zonke zama bala.

IZAMBULELE, NEZAMALEDI

I-PRINTI

Zikwibhokisi ezimashumi mabini, zentlobo eziketiveyo zona.

Ingubo Ezitambileyo Zokulala,

Zentlobo zontatu zokuhonjiswa.

INTSIMBI ZEMIQALA

Zamabala ngamabala nobukulu ngobukulu.

IZIPILI

Ezingqukuva Nezinembombo nezixaswe ngemiti.

KANJAKO,

Izitya ezinjengenkumntye, njalo njalo.

Izinto ezidliwayo, Neziselwayo.

Izinto zokwaka, zokuvatisa Indlu.

Nezisetyenziswa Ekulimeni,

NJALO, NJALO, NJALO.

DYER & DYER.

Sivela kwa Rulumeni.

KUYAZISWA ukuba yonke iminikelo yombhala neyezindlu yonyaka omdala opele ngo 31st December, 1885, izirolwe kule Ofisi ngo 31st March, 1886, nokuba kungapambili kweloxesha.

Lakugqita elixesha abangabatalanga bayakupatwa ngokomteto bengabuyanga baziswe.

Iminikelo engapantsi komteto we 14 we 1878 nemali yeziqiniso epantsi komteto we 37 we 1882 lixa lokuba zibatalwe.

Kwinkundla yamatyala e-Qonce, January 4, 1886.

W. B. CHALMERS, Imantyi.

Kaulese Imvo Zabantu ngabantu nge

Rheumaticuro

Elona Yeza Likulu. Ieli lizwe lengqa- I qambo zamatambo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

Likwaluncedo olukulu kukutyatyamba Komzimba licsine, Nakwintloko, Nakwezinye.

Benjenje ukulincoma ubake balilinga:—
“Uti omnye zipele ingqaqambo (ekubeni besendinyanga ndiqaqanjelwa) enva kweyure ezine ndiqalile ukulisela, ndapumla kamnandi ebusuku, into ebendineveki ndi- ngasayazi, ngoku ndipilile.”

Wenjenje wumbi:—“ Eliyeza lindipilise ngokungumangaliso. Bendibulawa sisinge inyanga ezintandatu kangangokuba bekusuka kube yinqaba ukuma ukuba ndike ndahlala. Bendingasena kutoba kuba bendi- ngeze ndibuye ndipakane. Ibotile enye indipilise kanye.”

Omnye uti:— Benditwele ubuhlungu obukulu ngenxa yokuqaqanjelwa yintloko leminyaka mibini ndada ndalinga i Rheumaticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindinceda kanye.”

“ Ndingarola,” utsho omnye, “ iponti ezintlanu ngebotile. Ngolwesi-Tatu olugqi. tileyo ndite ndakumatela ibotile yokuqala umfazi wam, wabengana kupakatna ekoyeni nonyawo, enjalo inyanga; ngalo Mgqibelo uhleli eaitulweni.”

Uti omnye: “ Lindenzele kanye lonto ubute liyakundenzela, uku ndipilisa ekutya- tyambeni kwamatambo. Liyeza angaswela amazwi okulincoma umntu, alisiyiyo inkohliso njengatnanye.”

Yiyo le enye inteto: “ Wonke endimaziyo nditi makabe nalo, basaucedekile bonke abalilingileyo, andikeva mntu lingamcedanga.”

Ukuvakalisi imvo zabantu ngalo kungazalisa lonke ipepa.

Eliyeza linoku yalezwa kuzo zonke izindlu zamayaza, navenkile, otandayo angalifumana kumninilo ngokutumela Ss.Qd. ngebotile, ongu

JAMES JONES,

46 LONG STREET, CAPE TOWN.

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjengamanzi nezinye ezibululayo, itengwa ko

J. DOWELL & CO.,

BANK STREET,
E-QONCE

W. F. S. BOOTY.

Umteteleli kwi Nkundla yamatyala e-Komani. Umlungisi wemicimbi nayipina esingisele ematyaleni nakuyipina inkundla apa kulo mandla. Ungumkuseki kwabana- matyala, waye kanaujalo ebiza amanani afanelekileyo. I Ofisi ise Town Hall e-Ko- mani.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, e-Town Hall, Kwisitara esinga pantsi ese- sitatu, No. 3, Kwinkundla ye marike,

E-QONCE.

Uhhlala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amasabiso alungileyo uyawanika ngento ezinje ngokutya.

Impahla zamkeliva nguye azitumele kumacalana onke e-Koloni.

Unombona omhle kunene ovela pesheya kwe Nciba awutengisa tshipu kanye.

Ababubuleyo.

NGCAYIYA.—E-Fort Beaufort ngomhla 12 December, 1885, kubhubhe u SARAH NGCAYIYA inkosikazi yomfi u ANDRIES NGCAYIYA

EDWARD KELLY,

Umteteleli kwinkundla yama

tyala,

Ubuta imali ezizikweliti, ayitumele kubaniniyo kwa oko.

Uligqweta lamatyala entlobo zonke kwinkundla yomantyi.

Umvuzo awubizayo mneinane.

I Ofisi: GALA.

R. W. ROSE-INNES,

UMteleleli-Ematyaleni,

WEMVUMELANO,

Umanani Weziqiniso

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekute, teni amatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba uno. kufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqiniso somhlaba unokwenzelwa. Lemise benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

Iveki.

ABATABATI be *Mvo Zabantsundu*, bayakunjuzwa ukuba eli lixesha zifikile imalana ze nyanga ezintatu ezipela ngo 31 March 1886. Imali ihlulwa kumagosa etu akwindawo ugandawo; abangenawo bayitumele kwi ofisi ye *Mvo*. Itunyelwa ngamapela anokufu- nyanwa eziposini. Intlaulo yi 3/. ngenyanga ezintatu xa ubani ayirole kwangapambi, odlulele lixesha makazi ukuba umelwe yi 3/6 ngenyanga ezintatu. Makungabiko mpo- siso ngalandawo. Imali yonke itunyelwa ku J. TENGO-JABAVU, King William's Town.

U MR. JUSTICE BUCHANAN enye yejaji zase Rini ufike e Kapa ngomkombe oyi *Pretoria* ofike ngolwesi-Ne.

U SIR O. WARREN umiselwe lulaulo Iwe Nkosazana ukuba aye (e Suakim) e Jeputa ukuya kupata amajoni.

ITYALA lika Mr. Sweetman wase Mtontsi lipelele ekukulweni kwake. U Mr. Sweetman ubemise pambi kwejaji e Rini ngokusuka adubule Umxosa owayesiba igusha za- ke ebusuku. Uti wamdubula ebaleka eku- beni wayete makeme.

INTO eninzi yemipu yamajoni ibiwe e Maritzburg e Natal ngeveki engapaya. Ku- tiwa ibimana ukubiwa iyakutengiswa ku Mampondo. Kuko abantu ababanjiweyo ngeso senzo.

AMAVALANTI ase Kapa aku 1,100 abefal- swe ngomyalelo ka Rulumeni ngenxa yokusuka Amaslami amise intamo kwakutiwa mawangabangcwabi abafileyo bawo kumangawaba amadala aselevaliwe. Amaslami ebude angena ekugxogeni amadindala ngamatye, kuba esuke awapazamise xa aya kungawaba.

U RIGHT HON. ARTHUR PEEL unyulelwe ukuba ate ngumhlali-ngapambili wale Palamente inteha yase England.

U POPE LEO umongameli webandla lase Roma ufa ngokungatembisiyo.

UBU BISHOP base Manchester bunikwe u Bishop wase Truro.

AMANGESI ase Kapa agqibe kwelokuba kutunyelwe isicelo kwi Nkosazana sokuba ipiko layo lolulwe pezu kwawo wonke umhlaba opakati kwela Bahlambeli ne Zambezi.

AKUBANGAKO ukuvisisana pakati ko Rulumeni -wa Mampondo ngendawo abezihambe Undaben? Yu W. E. Stanford. C. M.) Ubesiti yena egameni lika Rulumeni mayi- yekwe yonke inteto enga Maxesibe no Mzi- mvubu aselewanika £3,000 Amampondo aze wona avule indlela pakati ko Mtata ne Kok- stad. Akavumanga Amampondo. Afuna imihlaba yawo.

KUKO Ilaukazi elifunyenwe lihliwe yingqakaqa e Tinaru. Belye kugqira lona ngokuba lisifa, ufike wafumana ukuba libanjwe sesisifo; ulibeke nxamnye kwaoko.

INTO eninzi yamawetu ide yayitumela imali. Kuko amagotitya esingaziyo ukuba ayibambele ukutitina imali yepepa.—Imali mawetu kaulezani.

NGENXA yokuzala kwemilambo siva ukuba kubonwe kusihla ne Nxuba igwangga lilindelwa lihashe nesali nemikala yalo. Kumnke inqwelo e Xesi ilayishile.

U YISAKA jnkwenkwanu ye Qeya ebique. shwe ngu Mr. Hously igqweta lase Mtata igwetyelwe iminyaka emibini ngokusuka ibhale i cheque egameni lenkosi yayo ye £65 ne £6.

NGASE Mampondweni siva ezokubhubha kowokupela unyana womfundisi u Rev. James Mjila ongu David. Oku kuhle ngo 14 January lo. Siyasikuzana kunene eso sicaka se Nkosi kwano minikazimzi waso ngosizi abangeniswe kulo ngu Mpati-nto-zonke.

AMADODANA amashumi mane afunda kwi nkundla enkulu yemfundo yase Dablini kwela Mangesi azinikelele ukuba ayekuba ngabafundisi ezizweni zabahedeni.

U RIGHT HON. W. H. SMITH obepatiswe imicimbi yemfazwe kwi Rulumeni ye Nkosa. Zana, umiselwe ukuba abengumpatiswa micimbi yase Ireland. Obekulondawo ngapa. mbili ngu Sir W. Hart Dyke.

IMALI yale kota 'siyipetepo ilindelwe ngo-ku. Mayitunyelwe nguye WONKE umtabati we *Mvo*.

IPALAMENTE yeli Pesheya kolwandle kwela Mangesi ivulwe ngolwesi-Ne lweveki epelileyo yi Nkoazana. Kwinteto yayo ite iseluxolweni nezinye izikumnkani ezinkulu. Ite ibe nosizi ukuba ide ilwe nokumnkani wase Burmah u Theebaw kodwa nkuze elo lihlale ngokuzola kubonakele libandakanywe kumhlaba wayo Inkosazana. Igqibe ngokuti ibe nosizi ukubona kuko inteto yokuba i Ireland yahlulwe e England, kodwa yona ayisakuyivumela lonto injalo.

ABABANJWA abafunyenwe benetyala lobu- sela e Komani ngalonyaka wonke ugqitileyo babe 119.

KUQALA ngo Mvulo ozayo (1 Feb.) itreni ziyakuhamba ngamanye amaxesha kunala bezihamba ngawo ngezinyanga zimbalwa ziqitileyo.

UMBONA uhle kanye e Natal. Uhamba kwi 3/ ne 3/5 ngengxowa.

UKUBA kuko kubatabati be *Mvo* osenalo ipepa lo 16 December 1885, singavuya esincedile ngokulitumela kwi Publisher “*Imvo King William's Town*.”

ISANDLA semantyi endaweni ka Mr. Huntley ozakuya kuba yimantyi e Montagu kwelngase Kapa, ngu Mr. Walter Aubrey Hudson osuka e Cradock.

U HON. J. W. SAUER, M.L.A., uyakudlula apa e Qonce ngeveki ezayo. Ucelwe ziziku- lu zalapa ukuba ake enze inteto ngohlobo epetwe ngalo imicimbi yakomkulu

KUWE isipango esingumangaliso ngeveki epelileyo e Ladysmith e Natal. Umlambo oyi Klip Drift uzele wacanda pakati komzi. Kutshabalele izindlu ezikumashumi matatu; kwemnka Amatshaka asixenxe, nom-India, negwangqa. Ilahleko kutiwa iku £30,000.

NATIVE OPINION

NGOLWESI-TATU, JAN. 27, 1886.

UTYWALA NEVOTI.

MR. UPINGTON oko ebeteta e Rini wenze izwi elingeliba lisimangalisile ukuba belivele komnye umntu. Xa atetelela umteto apa okungcola kungatetekiyo wokuvulela utywala pesheya kwe Nciba ute xa kungaba kutiwa ontsundu makapangwe utywala makabe uyakuhlutwa nelungelo lokuvota. Esi sisongelo sokusihluta ivoti, sikolwa ukuba bako abaya kusingena e Palamente, abaya kulikangela elilizwi lokumanya utywala nevoti njengokungati lilizwi okunene. Bako ke abasebem'pendule, nati sifuna ukuvulisa indawo yokubonisa ukungadibani kotywala nevoti. Indawo esingena kuyo tina yeyokuba utywala abuqali kufika, nevoti kumzuzu sinayo. Ke kuse kubonakele ukuba utywala asikwazi kubupata; sisesibonisele nokuba ivoti yona siyiquba ngohlobo lokunconywa: saqondisa 'ukuba siyakwazi ukuketa amadoda anengqonde. Abantu abanyulwe siti kanye akuko ntloni ukubatelekisa nabanyulwe ngabamblope. Siti ke obobungqina sisesibunikele, saqondisa ukuba nakuba sixakiwe butywala ayisixakanga yona ivoti. Siyavuma ukuba singabantwana etywaleni. Bona bunjengesitshetshe. Siti masingafeketiswa ngabo siyakupela, senzakalise nabanye abantu. Ivoti yona ilubisi, siyayisela sonwabe. Asikwazi ke ukuba uti umntwana xa apangwa isitshetshe ase etinjwa nezinto ezingenangozi kuye; ukuba ucitelwa ubisi lwake kuba ete uzakwenzakala sisitshetshe! Ukuba kusentliziweni ka Mr. UPINGTON ukusihluta umhlaba nevoti aze asintywilisele nge brandi, yinina angatsho mhlopo njengendoda? Yinina ukufumane ange uza evotini kuba kusuke kwatetwa ngotywala? Nokuba ke kuyakwenze ka ntonina singa kungacaca ukuba kuti bantsundu utywala abudibene nganto nevoti; ewe singa kungacaca ukuba okukona utywala bungekoyo kokukona siyakuvota kakuhle.

Amanqaku.

KUKO INENE elimhlope, ekuhambahamba. futi kwelilizwe kufupi nje, efisicele ukuba sivakalise ingxakeko enkulu abayifumeneyo Abelungu base Posini ngenxa yokubhalwa kakubi kwencwadi zabamnyama. Amangesi, axakwa kulilesa igama lomntu omnyama. Namhla libhalwe kakuhle, kodwa ngoku zingamakulu-kulu incwadi zabantsundu ezihamba ngeposi ekungeko bani emhlabeni unokukuqonda ukubhalwa kwazo. Liti elinene kusuke ukubhala kunge ngathi koku sazeke impukane inyatete emszini wokubhala (i-inki) ize isukeke iyokuhamba pezu kwe mvelopu. Ukuba abantu abaabhali mhlopo nangokwe Singesi ngakumbi amagama.

endawo, aknncedi Into nkuba babhale. “ U Mr. Zevuti Mzonkie, Deimanti ” angaba ngumntu oee Diamond Fields, kodwa akuko temba lokuba woza ayifumane incwadi ebha. Lwe ngoluhlobo. Umntu obesandukuba se posini yase Kimberley uti ubone imfumba ngemfumba zenewadi ezingahluke kakulu kule ka Zevuti ukubhalwa kwazo.

U REV. R. TEMPLETON ubhuhile. Umnke kwelilizwe ngeveki egqitileyo. Imeko afe ekuzo zezibanga usizi olurara, ‘Ubasand’ ukutshata ngeveki engapaya no Mrs. G. W. Impey (intombi ka Wute umhlolokazi wo. nyana ka Rev. Impey owabhuhba eveki nta-tu etshatile). Etshatile usinge pantsi kwe Zuurberg ukuya kuhlala ixeshana ngapambi kokuba abuyele kumsebenzi wake wokntitsha kwisikolo esikulu Samangesi sase Rini abeyi- ntloko kuso. Kuti kwakukov’ ukndliwa ibhulakufesi apume u Mr. no Mrs. Temple- ton batabate nhambo olufutshane, babehle- bele ehladini. Exesheni botukele kwinto yokuba balahlekile. Ibe bubuputupu uku- funa indlela yokubuyela emva; bengayifu- mani sake u Mr. Templeton angenelwe ku- tyama, ehili. Akaulenze u Mrs. Templeton ukuti uputuma uncedo chotele. Suka naye alahleke ade afunyanwe ngumfo ontsundu -omalatisileyo indlela. Kubehle kwapuma iqela lamadoda ukuya kufuna u Mr. Templeton; lingamboni ubusuku bonke, nangolwesi- Rini nobusuku bolosuku, ade wafunyanwa kusasa ngolwesi-Tatu selefite kulandawo ebemshiye kuyo u Mrs. Templeton. Limka- ngele igqira lite luvulo nobuhlungu bentli- ziyoy. Inteto kakade ayinawo amazwi oku- ncoma italente zokufundisa abenazo u Mr. Templeton. Sinokuti n Mr. Templeton ngumfundisi wetu kuba nguye oqeqesbe amadodana amfundo iveleleyo awaka afunda e Lovedale. Amagama o Templeton, o Govan nawo Smith awasakubehle alityalwe ngumzi ontsundu, ayakuhlala akunjulwa kuba ingamagama enzutela zetitshala zela Maskotshi ezaka zatunyelwa ukuba zizoku- quba imfundo yetu bantsundu kwelilizwe. Egameni lomzi wakowetu sikuza u Mrs. Templeton nosapo lwake ngenxwaleko yohlo- bo lokurazula intliziyo abayifumeneyo.

INCWADI esizifumeneyo pesheya kwe Nciba ziyayingqinelana inteto yombhaleli we *Cape Argus* esayibalula kwinteto yetu yelipelileyo iveki engokuncitshiswa kwemali zotitshala. Umzi ontsundu uyakuyikondlozela kakulu lento yenziweyo, kuba ubuqala ukuyibona into eyenziwa yimfundo. Zimayelana ku 200 izikolo zabantsundu ezipesheya kwe Nciba, oku kuncitshiswa kwemali ke “kungati kushiyele u Rulumeni inge- ntwana emsinya ye £1000. Itenina ukuba lemalanina izokugcinwa ngokurwitsiwa kwabantu abebesebefe kakade. Sisati lento kucitwa kwelizulo; luyiso lobuho- deni nobudenge pezu kokukanya. Lento iyakubuyisela emva ihambiselo pambili yo mzi. Abantu abafundileyo batenga into ezininzi banento ezintle ngapezu kokuba ziko kwabombvu abaxolisiwe nakuhamba ze, okuyakukula ubuqaba ke ukuba imfundo nelizwi asizikutazi kwabantsundu. Maliva- kale ilizwi labantu ukuyicasa lento, ikupa ubom be Koloni.

UMBHALELI wetu ose Lusutu ebhala ngo 21 January 1886, uti:—Akuko ndaba e Lusutu. Eli lelizolileyo. Kunc imvula ezi- mnandi. Amaxabiso engololwa ehlike ka- kulu, ivenkeli zirola 5/ -ngengxowa. Indlala incipile kodwa abantu basesebuhlentshini. Ndiyavuya ukuti ukuselwa kwe Brandy ku- pele kanye. Inkosi ziyubela ezingqond veni zazo- Ubulelwe unkosi u Paulos Mapeli ngu nkosi u Letisie ngokumika abantu icebo elihle njengelo lokuba iyekwi i Brandy.

U Rev. C. Taberer Pesheya.

Umfundisi u Taberer wase Mtwaku wenze ingxelo yomsebenzi wake e *Holweni* yase N. Augustine’s *College, Canter- bury* namhlanje, 2 December, kuzele ama- nenekazi namanene asedolopini, nama- nene ase kayapa. Uqale ngokumisa ukumelana kwezizwe zase South Africa. Waye ngoko ecacisa indawo yokuba esiti umntu akufika apa e England evela e South Africa kubuzwe ukuba uyamazina u Sibani? Kunge evela apo nje makube kuyaziwana. Uyi- hlabululeki lendawo ngokuti isiqingatha esipantsi kweyake i Bishop sibungange England ipela. Ewenze mbalwa ngera- mente yake emhlope ungene kumsebenzi pakati kwabantsundu. Ngulo ate beva ukuyola bona kunabafundisi bezinye izizwe zinjengama Indiya, kuba abemi ba- se South Africa abanazitxolo baziniqule. Nkolwanana banayo yeyemihloto. Uqi- lina abatyobana nalo ngamasiko: anje- ngokuba imbhola, amakazi, ukunqena. Imisebenzi iyekelwa abafazi. Kwimfundo yase Mtwaku utete ngoku- nobom ngemfundiso yentombi ukuba ineziquhomo ezikhutazayo. Oku ukutyebi- se ngebali: ekwati qata kuye nododana itile ihombile, inqwanqwe yanqwanqwa ingapumi egusheni, yada yaziqina, ndize kufuna intombi. Omnye ngwadlalala! ufuna ukuba zize kudweliswa pambi kwake apa betu ? O, yiya kumpatikazi wentombi. Wanchu ukuyiwa into anga- yo kwaqhabalakana. Ukutsho uti ngele- mfundo zibangelwe ukuba zingxanyelwe ngamasoka afuna ezifundileyo. Kana- njalo uti angazilandapo zur zendele kona intombi zase Mtwaku. Ziti zipuma esi- kolweni zibe zisenda. Mhlambi umfundi angati nqa ukuba ndikulibazise ngamasiko akowenu akuba ebaliselwa abanye abantu, kanti eyona nto ndipaula yona kweli lasemzini, ne- ndinga ungayipaula nawe uze uzeke ama- ndla wena pakamisawahlanga, lululo nek- nkatalo ya Mangesi, xa abaliselwa ngamawetu. Ukuza entlanganisweni enje- ngele kukuza kuva ngentlalo yabantu abahlule kubo ngebala; ingeyiyo imidaka apa eyakuti noko seyizikutula amadolo iye kweyeliselwa esihogweni: ngokutsho kwexenye yengelosi zeliapakade. Akanantsini xa eva misebenzi yobunyama enjengaleyo yokuqizaba ngocume, no- kungena neminye misebenzi yobunyama; kodwa makeve ngeyoxukanya, wawuya kumiwa lutuli xa abeta izandla egan’da ngenyawa. Ngoko mzi wakowetu yinqweneleleni amatansanqa i England ne Scotland ngakumbi ukuba bati abemi balomazwe bakuza pakati kwetu bagcine umoya abana- wo kwelabo.—J. M.

Impawana.

Oti “Ungumhlobo wamasoka” ngase Alvani uti ukusibhalela :—Abantu maba- yekke ukuwapanga amasoka ; lonto yenza abantu bazeke bebancinane. Lati elinye lafika endlwni yalo libetekile, lite kwi- utombazana encinane yenza itweya—ayadenda yatabata amasi eselwa avutiweyo, namagqabi etweya yagalela eketileni ezonto zombini; yasake kumnene, nangoke umqa wako, soka data !

*** Imambane eti masingalivakalisi igama layo blaze ihlangane nenyoka zipunga umhluzi yenza lamabala engwe ngokubonga komzalwana wetu owaye bong a ikaba lase Nxukwebe:— Makubonisiwane! Mdaka wakowetu ongu Mhleli we *Mvo Zabantsundu*;—kauncede *tor es dyow blif*, uye undifakelelemigcana kwelopepa lako. Nditunukwe ngumfo wakwa *Sigidimi* obeti ngelake ubonga usapo lwase Nxu- kwebe ngokutsholozwa olwakwenza e Love- dale ngomhla we 4 ka December. Andazi nokuba yayingumnqwenw wake sinina ukulubonga usapo olo; kodwa ukuba uyayuma umfo wase *Sigidimi* ukuti yayingumnqwenw wake, kuhle ukuba masimxelele, kudala sinyamezele, ukuba into ekukubonga ayistadishwa ezincwa- dini, yimvela. Ke mfo wakwa *Sigidimi* ndiyatamba noko ukuba selungumfo omkulu onengqondo yokuziqonda izinto, ke xa ndiza kukunika elicobo ndiyate- mba ukuba wolamnkela. Uyabonake nZwana, tina amapepa la siwammkela nje asinguyo umnqwenw wetu ukunga ingati uyoke inkunkuma ecingwa ngumntu ibhalwe kuwo; tina ubonanje asinama- xesha akufeketa. Imbanga endibanga ukuba ndikwazise ngalento ndenziwe leliqhalo liti “ iqaqa aliziva kunuka.” kuteke kwakubanjalo udati, O, mandivu- se umhlobo wam wase *Sigidimi*, kuba ezizinto uzakumana ukuzenza engaziva, ecinga ukuba yena uyalungisa. Sikohli- we Ke nokukutumela ko Hadi Waselu- hlangeni no Mr. Mtakati ingcibi za- lento ukuba bakufundise, kuba lento umntu uzalwa nayo. Sesiyakuti ngalinye, yeka, lento wayivinjwa yi Nkosi, mntakabawo. Aboke banqwenela ukuyi- bona lendawo nditeta ngayo mabakange- le xa imbongi ye *Sigidimi* ibonga usa- po lwase Nxukwebe kwi *Sigidimi* se 1 January 1886, baze bandidxele into abakolwa yiyo. Ndingowako,—J. M.

Indlala ibancedile abanye abantu : ko Matole no Maxesi nakoma Tyume. Kute kwakusasa ngo Mvulo olandela ukuba imvula ibisina ngo Mgqibelo, zapambana izipani emasimini, kulinywa ozimboty nerasi, abanye begalela ihabile. Kulo- ndawo ke ntozakowetu!

*** Iqinga elitsha! Enye ititshala, umfo omde ofanelekileyo, ityeba elingakange liwute nangelenda, lifumene iqinga eli- tsha lokuyela ingqondo zabantwana. Kutiva uti xa kuza kufunda iklasi ezipe- zulu arole inqawa inunqwe icuba, bati xa batyila incwadi abantwana abe equmisa kunene, bayafundanje uyabaqumisela. Ngelake uti bafana namazimba wona ati ukuze acume abaselwe ngamahlamvu. Yivani ke zititshala zixalake umvi wezi- kolo ! Nalo iqinga livela nento ka-----, Sonityela ngomso igama layo sakuva ukupumelela kwalo ukuba' isaliquha. Nobuya niyuvwe nomzi ekuwo lotitshala; awukude kakulu nalapo kushicilelwa *Imvo Zabantsundu*.

*** Umhlobo wetu oku Centane usitumela udaba lokuba “ u Rev. Dr. Soga ushumayele e Kobonqaba izolo (17 Jan.) kumzi ka Rev. A. Welsh; washumayela ngobuciko obukulu, nangosizi. Wapulapulwa ngokuzola okokulu kwinkonzo zombini eyesikolo nomzi obumvu.”

*** Ngu Mgqibelo ngomhla 16 Jan. koma Dikeni no Mxelo ne Tyume ude uze kozi Ngezwazi kabe kuko isipango esimatye makulu kunene esonakalise kakubi. Ezindlwini siroboze ozifestile, ematfanele sibulele onobenge nomatakane, saza kwa- manye amasimi satshabalalisa kwe-tu. Ukuza kwasa lungani, kwako uhlaza oluhle kunene, abati abaninzi aba- zange balubone. Into enzima yintshaba- lalo esiyenzileyo pezu kwencitakalo ebiko kakade.

*** Umhlobo wetu oku Centane usitumela udaba lokuba “ u Rev. Dr. Soga ushumayele e Kobonqaba izolo (17 Jan.) kumzi ka Rev. A. Welsh; washumayela ngobuciko obukulu, nangosizi. Wapulapulwa ngokuzola okokulu kwinkonzo zombini eyesikolo nomzi obumvu.”

Transkei.

[IVELA KUMBHAEELI WETU.]

21 January 1886.

Imvula zine kakulu kweli lase Nqgamakwe kude kuye e Geuwa, umlambo i Geuwa uzele njengaseminyakeni ebekuba yindyebo lisakuma kulondawo. Ukutya kusaxela njalo emasimini. Lusizi kuba kungeko sikiti, otandayo uyakubu- qisa besavuna abanye angenziwa nto.

Kute ngalomhla we 17 January kwazala imilambo, yangena enye indodana kuzele i Geuwa, ayitabata amanzi, kwahlukana nehashes, “ayakumkupa kwangendlela abvela kuyo; zemnka zona ingubo ne sali. Waselegoduka lomo ambete ihempe ebisemzimbeni kade. Lumnkani nina bafuna batilisha pesheya kwemilambo emikulu, imvula ziyana zona ngoku, wocolwa selurloinqwe ngunonkala lomehlo ako mahle kakulu.

Igusha zika Nqanuka wesika Captain Veldtman zibwile ebusuku 13 Jan., umkondo wahamba nzima kwelitafa lo Mcuba- kazi; awutukulula awesika Feltman awa- yepetwe ngu Philip no Mila. Waya wa- ngena ngako Makapela no Bomboto, kude ngapa e Tutura kwesika Mapasa. Se- kubanjwe amadoda amahlanu awazidli- leyoy. Soqanda ukuba u Mr. Fuller ima- ntyi yolitinina ityala.

Wena mfo wase Xora uzulindele siya- kukuczela ubunyano bezintu oti wena zibuxoki, wauko na lamini u Bom wacela ukubhalelwa incwadi yake. Wauko mhla kwatetwa ngokucatshekulwa kwa- bafana abafundileyo? Wauko mhla kwa- tiwa kulo otisi kuza kumangalwa nye £1000 ukuba kubanjwe abantu abatyila ukuteta kwemantyi. Uzenza mhle nje wena, abantu aba bona kubuhlungu kubo ngento abazenzwayo.

Nina bantu bamnyama niyakuhlala nisidla umhlaba ngomlomo. Niti apo nibulawa kona kibe kulapo nincomayo. Ndiyamangaliswa nguwe mfo wase Xora, wayevela kwa Ngqika, uncoma eyona inantyi, lento ucela izonka ngapa ngaba-

ntu ababulawayo ungenwe yini ? Lento uyitelayo yonke ilihlazo, kuba uyazi nawe ukuba ungati uyile nokuba usuku lunnye kulo ofisi ungafika ukuteta kubhekise amanqina pezulu. Nkosi Ngqalu buyubu

Uti umfo wakwa Gatyana (Willowvale); kute kwesika John Sipunzi, esesipetwe nguminawe Wake, u Mankayi, kwako amadoda amabini awangqinelwa u Katshwa etyaleni lentisimi abeyahlutwa si- sibonda eso sake, mhla o Tele basebeba- njwa befakwa ngendlela ukusiwa e ofisi- ni; andiyivanga kakuhle impendulo ya- komkulu, ingaba iko enceda ababanjwa. Yehla into ebixelwa, yakuba imantyi yase Geuwa u Mr. Stanford egweba ka- kuhle ngengqondo ityala lomkondo abe- bebenele umi ngesosigwebo nase Ntla- mbe kwa Capt. Blyth. Inkosi ezikwaziyo ukucaza imfanelo yabantsundu kade apa ngu Capt. Blyth lo no Mr. Stanford, nokuba uye ngequbuliso ezi ofisini zabo ungafika uketelwe ntloko ezimnandi zamazwi.

Ababelungu bapezu kwe Ntlambe bate baqesha Amaxosa esizwe sika Mapasa nge Cawa ukuba basike ingqololwa. Suka lafika lona ipolisa lika Blyth layidunga lonto; kwada kwasana e Ntlambe, apo kuvakele ukuba inkosi u Blyth ayiyita- ndanga kanye into yokuti um-Scotland emhlope efanele ukuba ngengqondo aze kulahlekisa abantu abantsundu abafundisa imfaneloko yobugqoboka nemfundo, nomteto ka Rulumente.

I Almanak ye “Mvo” yo 1886.

Nelipepa lanamhla wonke umamnkeli we *Mvo* ubefanele ukufumana Isalatisa- maxesha setu salonyaka. Ukuba kupo umamnkeli wepepa, OBHATALAYO, ongati ngemposiso angasifumani maze atumele kuxelishesha. Owetu umgudu ngo- w’okukonza umzi wakowetu ngendlelana zonke. Into elindelwe sithi kumntu nga- mnye ontsundu okwaziyo ukulesa kuku- ba abe ngumamnkeli we *Mvo* ahlalele umrumo ngamaxesha onke; siyakufuma- nake ukuxaseka. Kuseko amagonyo- yinqaba ; nesisipo situnqwenelala unya- ka otyebileyo umzi.

ABALIMI NA BARWEBI.

E-MARKENI.

E QONCE (January 26).

U Mr. Casey walapa e Qonce utengise e Markeni izolo inkabi zokuxhelwa ezizhambe kwi £6 inye; amahashe ahambe kwi £15/ ne £5; ibhokwe kwi 5/ ne 10/ inye.

Ibotolo, 1/ to 1/7 ngeponi
Amaqanda, 8d to 1ld ngedazini
Ihabile, 10d to 3/5 ngekulu
Imbewu yehabile, 6/6 ngekulu
Itapile, 1/ to 2/1 ngekulu
Umbona, 5/ to 6/ ngekulu
Amazimba, 6/6 ngekulu
Irasi, 4/ to 4/11 ngekulu
Ibrani, 3/9 ngekulu
Umgubo, 9/11 to 13/3 ngekulu
Ingqololwa, 6/6 ngekulu
lentiyisi, 4/6 ngekulu
Imbotyi, 5/6 to 16/9 ngekulu
Inkuni, 8/ to 25/ ngefllara

E-KOMANI (January 22).

Amazimba, 10/ ngenxowa
Umbona, 9/ to 11/ ngenxowa
Irasi, 8/ to 9/ ngenxowa
Ihabile, 3/6 to 5/9 ngekulu
Ibrani, 7/6 ngenxowa
Itapile, 3/6 to 10/ ngenxowa
Umgubo, 10/ to 11/6 ngekulu
Inkuni, 15/ to 25/ ngefllara

E-ALVANI (January 24).

Ibrani, 6/ to 7/6 ngenxowa
Irasi, 6/ to 7/ ngenxowa
Ihabile, 2/6 to 4/ ngekulu
Inkuni, 10/ to 60/ ngefllara
Umbona, 12/ to 14/ ngenxowa
Umgubo, 20/ to 22/ ngenxowa
Itapile, 10/ ngenxowa

E-MTATA, January 19.

Ibotolo, 1/6 to 2/ ngekulu
Amaqanda, lid. to 1/1 ngedazini
Itapile, 2/ to 5/6 ngenxowa
Ihabile, 4d. ngesitungu
Inkuni, 12/ to 25/6 ngefllara
Amazimba, 15/ ngenxowa

E-RINI (January 25).

Irasi, 12/6 to 14/ ngenxowa
Imbotyi, 20/ to 30/ ngenxowa
Umgubo, 18/ to 22/6 ngenxowa
Ihabile, 3d. ngesitungu
Amazimba, 11/ to 12/6 ngenxowa
Imbewu yehabile, 15/ to 17/6 ngenxowa
Itapile, 11/6 to 20/ ngenxowa
Umbona, 16/ to 18/6 ngenxowa
Inkuni, 57/6 ngefllara

Native Opinion

WEDNESDAY, JAN. 27, 1886.

THE BRANDY AND THE FRANCHISE.

AT Graham’s Town the Hon. Mr. UPINGTON made a statement which would have astonished us if it had come from somebody else, and which has attracted attention and caused some alarm. In defending the infamous brandy proclamation he said that if the natives are to be deprived of brandy they must be deprived also of the franchise, as if a man who can drink well is necessarily capable of voting well ! We believe that it is the intention of some to carry out , this threat, and for this reason we

would point out one consideration which seems to have been over-looked. We wish to point that we have had brandy now for many years, and we have had the franchise for a long time. Experience has shown that we cannot use the brandy well, and we contend that we have also shown that the whole we can exercise the right of voting to some purpose. The two things have been proved—if experience goes for anything—not to be connected, at least among the natives. To use a Kafirism, we admit that we cannot drink ; but we deny that we cannot vote.

